
# UXOLO



''Akwaba ubusazi nawe lo, kwa ngayo yona lemini yakho izinto ezizezoxolo lwakho.'' Luka 19:42.

Xa sikhangela izinto ezenzeka emhlabeni wonke jikelele kuyacaca kuthi sonke ukuba alukho uxolo emhlabeni. Ezindaweni zonke uva kuthethwa ngenzondo, ngeemfazwe, ngoku bulalana, uve nangeemfazwe ezizayo. Akukhathaliseki ukuba liliphi iphepha olivulayo ulifunde uyakufumana ezozinto kulo ufumane nokuba abantu benza izinto ezoyikekayo kwabanye ngenxa yenzondo, nomona nesono Amadoda amakhulu elizweni lonke azamile ngendlela zonke ukuzisa uxolo emhlabeni kodwa akukho namnye wabo uphumeleleyo. Asilolizwe lodwa ke elinje kodwa kubuhlungu kakhulu kuba namakhaya ethu amaninzi akanalo uxolo. Ngaphezu

kwako konke oku eyona nto ibuhlungu kakhulu kukuba abantu abaninzi emhlabeni wonke abanalo uxolo emiphefumlweni yabo, kanti ke nantso ingcambu yabo bonke obububi.

**KUTHENI UKUBA LUNGABI KHO UXOLO?**

Ekuqaleni uTixo wadala ilizwe nengca, neentya-tyambo, nemithi, nezilo ezihlala phantsi kwamanzi nezo zihlala phezu komhlaba. U Tixo wadala uAdam noEfa, kuyo yonke ke londalo kwakukho uxolo. U Adam noEfa babengazoyiki izilo ezo, nezilo ngokwazo zazihlala ngoxolo kungekho zoyika ezinye zihleli ngovuyo. Igusha yayinakho ukuhamba nengonyama kodwa igatyiwa yingonyama. Ngaphezu kwako konke oku, kwakukho uxolo phakathi ko Tixo nomntu, uTixo wayesithi xa kupholile ehle eze kuAdam ancokole naye noEfa. Babengamoyiki uTixo babehlala bemlindele kuba kwakungeho ksazela, kubo.

Ke uSathana, olutshaba loxolo wangena enyokeni walinga uAdam noEfa boona, kuba apho isono sikhona alukho uxolo. U Sathana uyise wobuxoki wabaxelela ukuba abangeza bafe kuba bengayenzanga intando kaTixo batya umthi ekuthiwe ma bangawutyi. Nje ngokuba nanamhlanje abantu abaninzi bemamela ilizwi likaSathana uAdam noEfa benza lonto usathana athe ma bayenze boona ke phambi kukaTixo. Kwa ngoko. Uxolo ababefudula benalo lwaphelalonke uxolo nobuhle uTixo wayelwenzile lwapheliswa kukona, uloyiko lwangena ezintliziyweni zikaAdam noEfa.

Kuthe emva kwemini xa uTixo esiza kubo nje ngesiqhelo, bazifihla boyika ukuzivelisa kuye. ''Isono sangena ngamntu mnye ehlabathini'' ke ngoko nathi baphilayo namhlanje ''sonile sonke siyasilelela eluzukweni lukaTixo.'' (Kwabase Roma 5:12; 3:23). Isono esinye sokhokelela kwesinye, namhlanje ilizwe lonke liyagula sisono ke ngoko uxolo alukho emhlabeni.

**UTIXO WAYEFUNA UKUBUYISELA UXOLO EMHLABENI.**

U Tixo wakhangela emhlabeni esezulwini wabona inzondo, uloyiko, isono nobubi, wathi ingenxa yothando lwakhe wathumela uNyana wakhe okuphela kozelweyo, wazalelwa estalini. Yoke iminyaka ngexesha lokuzalwa kwakhe sikhunjuzwa amazwi engelosi athi, ''musani ukoyika kuba yabonani, ndinishumayeza iindaba ezilungileyo zovuyo olukhulu oluya kuba kubo bonke abantu, ngokuba nizalelwe namhlanje emzini kaDavide uMSindisi, onguKrestu iNkosi. Kwaba kho ngesiquphe ndawo nye nesithunywa eso, inkitha yomkhosi wasemazulwini, idumisa uTixo isithi, uzuko kuTixo enyangweni, uxolo emhlabeni, inkolelo ebantwini.'' Luka 2:10—14.

U Yesu wathunyelwa emhlabeni ''Ukuba akhanyisele aabo

bahleliyo emnyameni, nasethunzini lokufa, ukuba azingenise iinyawo zethu endleleni yoxolo. (Luka 1:79). Kwabe seEfese 2:14 sixelelwa ukuba "uluxolo lwethu". U Tixo uthumele iNkosi yoxolo kwelilizwe, ke ukuba abantu bamandulo babeyamkele iNkosi yoxolo ngebabehleli ngoxolo.

**BENZENI ABANTU NGOLOXOLO?** Nje ngoAdam noEfa amaYudaneentlanga nabantu beloxesha bakhetha ukungamthobeli uTixo bahamba nge ntando kaSathana. Bayaala iNkosi yoxolo wathi uPilato akumisa uYesu no Barabbas-phambi kwabo bakhwaza besithi, "Msuse uYesu! Sinike uBarabbas!" Ngamanye amazwi babesithi, "Susa iNkosi yoxolo, usinike inzondo, neemfazwe, ukubulalana nesono". Ababantu babenikwe ilungelo elihle lokukhetha benganyanzelwa mntu kodwa noxa kunjalo bakhetha uBarabbas.

Iintsuku esiphila kuzo zinjalo kanye. U Tixo usinike ilungelo lokukhetha, sinakho ukukhetha uYesu abe ngumSindisi wethu, abe yiNkosi yethu, yena uyakuzisa uxolo ezintliziyweni zethu, uthi, "Ndishiya uxolo kuni, ndininika uxolo lwam, andininiki nje ngokunika kwehlabathi." (Yohane 14:27). Izono ezisezintlizi yweni zethu zisisusile kuTixo ke ngenxa yemo yethu yesono asinalo uxolo ngaphaka thi kwethu, kodwa uYesu usoloko emi ngengalo ezivulekileyo efuna ukusamkela kwakhona asingenise ebuhlanti asaakhe, asihlambulule ngegazi lakhe elinqabileyo, asiphe amandla okuba sibe ngoonyana bakaTixo asinike noxolo.

Siyaxelelwa kwabaseRoma 5:1 "Ngoko sigwetyelwe nje ngokwaselukholweni sinoxolo kuTixo ngayo iNkosi yethu uYesu Krestu." Akukho nto kulomhlaba enokusinika uxolo. Iimali, ubutyebi nokwaziwa aziniki xolo, ukusela akuniki xolo kanti nokufaka amagama ethu encwadini yecawe akuniki xolo. Inye indlela yokwamkela uxolo emiphefumlweni yethu, kukuza kwiNkosi uYesu, sixele izono zethu kuye sizilahle, "uthembekile ulilungisa ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kukho konke ukungalungisi."

Uxolo asinika lona uYesu lugqitha konke ukuqonda. Filipi 4:7. Akukho mntu unakho ukuchaza kodwa singalufumana ebomini bethu ukuba siyavuma ukulahla umhlaba nanto zawo, silahle isono nezihlobo zasesonweni sibuyele kuYesu sikhonze yena yedwa.

Mhlawumbi okwangoku sinakho ukuphila noxa uxolo singenalo, kodwa akufuneki konke ukuba sife singenalo uxolo, "kuba ubukumkani bukaTixo abukukudla nakusela bubulungisa noxolo." (Abase Roma 14:17). Ke ngoko ukuba ngaba asinalo uxolo lukaTixo ezintliziyweni zethu xa sifayo, asisoze samkeleke ezulwini lakhe loxolo. Ukuba asiyamkelanga iNkosi yoxolo ebomini bethu size sifele esonweni, inye nje indawo yethu ngumlilo

ongapheliyo wasesihogweni. Ungavumi ukuba ufe ukwesisimo ukuso ngoku ngoba uyakulahleka unaphakade, ibe ilizwi likaTixo lisixelela ukuthi, "umsi wentlungu zakho uyakunyuka unaphakade kanaphakade". Umoni yua esihogweni sanaphakade kanaphakade, saye sonke sonile akukho ulilingisa, noko abe mnye. Ukuba ke ufuna ukuya ezulwini inye into ekufuneka uyenze kukuba wenze uxolo noTixo, uxolo lukaTixo lube sentliziyweni yakho, uxolo lukaTixo lulawule entliziyweni yakho." (Abase Kolose 3:15).

Ngexesha leKrisimesi sikhunjuzwa ngokuza kukaYesu emhlabeni ezisa uxolo. Ngexesha leEaster sikhunjuzwa ukuba abantu bamaala njani bambethelela. Sihlobo sam nawe uyakuba ngomnye wabo bayaalileyo na iNkosi nokuba uzakuvula intliziyo yakho umvulele angene? Inye kuphela indlela yokwamkela uxolo lukaTixo entliziyweni yakho, kukuba uguqe phambi kwakhe ngoku, uvume kuye ukuba ungumoni, umcele ukuba akuhlambulule ngegazi lakhe elinqabileyo akwenze owakhe ngokupheleleyo, akukhathaliseki nokuba wena ucinga ukuthi ulunge kangakanani na kufuneka usindiswe, akukhathaliseki nokuba ungcole kangakanani na wena, akangeze akulahle uyakukwamkela. Ukuba akuzange uluve uxolo lukaTixo emoyeni wakho Iwamkele ngoku waye uyakuba novuyo olungathethekiyo oluzele bubuqaqawuli.

Ngenye imini ecaweni yase Gospel kwaphakama ixhego lathi, "ebomini bam kulawule iinkosi ezine, Xa kwakulawula eyokuqala kwakukho iimfazwe kukubi kakhulu, xa kwakulawula eyesibini kwaba kho indlala enkulu sada satya iimpuku, nengca nemithi. Kweyesithathu iinsthaba zethu zasoyisa ngokupheleleyo saba zizicaka, kodwa kuthe kusalawula le yesithathu inkosi sahanjelwa yiNkosi enkulu, elungileyo enoxolo, iNkosi yothando-uYesu iNkosi evela ezulwini! Ulufumene uloyiso ngoku, uzoyisile iintliziyo zethu, ke ngoko siphila kamnandi sinendyebo, saye sinethemba lokuba siyakuhlala naye ezulwini."

Sihlobo esithandekayo, nikela ubomi bakho kuYesu ngoku. Khona ngoku yima kulendlela iya esihogweni uhamba ngayo guquka ukhonze iNkosika-Nkosi uKumkani kaKumkani. Maxawambi uyakufumana ukuba izihlobo zakho ziyakulahla ngenxa yalendlena uyithabathileyo, kodwa khumbula ukuba uYesu wathi, "Yabonani, mna ndinani kude kuse ekupheleni komhlaba." Okokugqibela, "Uxolo lukaTixo ma lulawule entliziyweni yakho." (Abesa Kolose 3:15).

---

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:

**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**

**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)